

# IMIBUZO EDLA NGOKUBUZWA ZIIWEIR SHAREBUILDER


## ICANDELO 1: IWEIR SHAREBUILDER – EZONA ZINTO ZINGUNDOQO

Yintoni IWeir ShareBuilder?
Yintoni Imbasa Efumaneka Simahla Ngenxa Yeeshares?
Yeyiphi Imbasa Efumaneka Simahla "Kuzwelonke" Ngenxa Yeeshares?
Yintoni imivuzo yokuba yiWeir Shareholder?
Ngaba ndikufanele ukufumana Imbasa YeWeir ShareBuilder?

## ICANDELO 2: IMIBUZO YABANTU ABANENXAXHEBA NJENGEESHAREBUILDER

Ndiza kuzifumana nini iishares zam?
Kutheni kufuneka ndilinde iminyaka emibini ngaphambi kokuba ndifumane iishares zam?
Yintoni ekufuneka ndiyenzile?
Zingaphi iishares endiza kuzifumana?
Ndingayijonga phi imbasa yam njengeShareBuilder?

## ICANDELO 3: OKUFUMANEKAYO ZIISHAREHOLDER

Zizakuxabisa malini iishares zam?
How will I receive my shares?
Ndingazijonga ndizilawule phi iishares zam?
Yintoni eza kwenzeka ukuba ndinokushiya iWeir?
Ndingazithengisa iishares zam?

## ICANDELO 4: NDIZIJONGA NJANI IISHARES ZAM?

NgubaniuComputershare?
Ndingena njani kwiEquatePlus portal?
Ingaba ikhona imobile app yeEquatePlus?
Ndizilibelle iinkcukacha zam zokungena okanye iphaswedi yokungena kwiEquatePlus portal – ngubani endifanele ndiqhagamshelane naye ukuze ndikwazi ukungena?
Ndiyisebenzisa njani iEquatePlus?

## ICANDELO 5: UKUHLAWULWA KWERHAFU

Kwiiishares kuqukwe nemali yerhafu –iza kutsalwa njani?
When will I be taxed on these shares?

## ICANDELO 6: QHAGAMSHELANA




We are WEIR


12UBXA D07

# IMIBUZO EDLA NGOKUBUZWA ZIIWEIR SHAREBUILDER

## ICANDELO 1: IZINTO EZINGUNDOQO KWIIWEIR SHAREBUILDERS

### Yintoni IWeir ShareBuilder?

IWeir ShareBuilder ngabo bonke abantu abaqeshiweyo abaneeshares. Yindlela elula yokuphatha inxalenye ethile kaWeir. Abantu abaqeshiweyo abafanelekayo banikwa Imbasa Yasimahla YeeShare, le mbasa iquka iishares eziliqela zakwaWeir, ungakhange ukhuphe nesenti.

### Yintoni Imbasa Efumaneka Simahla Ngenxa Yeeshares?

Imbasa Yasimahla YeeShares ikunika ilungelo lokunikwa iishares kwixesha elizayo ukuba usaqeshiwe kwaWeir. Imbasa Yasimahla YeeShares yokuqala yakhutshwa kwekaCanzibe 2019. Sinabantu abangamawaka esibaqeshileyo abasehlabathini lonke abaziishareholders.

### Yiyiphi Imbasa Efumaneka Simahla "Efanelekileyo"?

Imbasa Efumaneka Simahla "Efanelekileyo" iyafana neMbasa Yasimahla Yeeshares, umahluko kukuba yimali oza kuyifumana (emva kokuba kutsalwe irhafu, apho kufuneka njalo) kunokuba ufumane iishares. NjengeMbasa Yasimahla YeeShares uza kufumana imali kwixesha elizayo ukuba uza kube usaqeshiwe kwaWeir.

### Yintoni umvuzo wokuba yiWeir Shareholder?

Ukufika kwexesha lokuba ufumane imbasa, uba yiWeir Shareholder.

Njengeshareholder kwishishini lethu, unendima ebalulekiyo ekulungiseleleni ikamva lethu. Sikunye singababaphathi bakwaWeir, sifaka isandla ekuphumeleleni kwethu ngoku nakwixesha elizayo –akekho namnye umntu ozuzayo koko sikuphumezileyo ngaphandle kwethu!

Xa uyishareholder unelungelo lokuvota kwiAGM yethu. Iishareholders zingavota kwimicimbi enjengokuphinda kukhethwe amalungu eBhodi okanye ukufumana ingxelo yonyaka neeakhawunti. Akunyanzelekanga ukuba uye kwiAGM ukuze uvote.

Ukuze ufumane inkcazelo engakumbi, iya ku [www.global.weir/investors/shareholder-information](www.global.weir/investors/shareholder-information)

*Kwakhona, ukuba inkampani yenza ingeniso sisenokugqiba ekubeni inxalenye yayo siyabele iishareholders zethu. Xa kufanelekile iComputershare iza kuphinda iyifake nayiphi na imali eyabelweyo kwiishares zeWeir ShareBuilder ikuthengele ezinye iishares ezongezelelekileyo, nto leyo eza kwandisa iishares zakho kwaWeir.*

### Ngaba ndikufanele ukufumana Imbasa YeWeir ShareBuilder?

Uzakukufanela ukufumana imbasa yeShareBuilder ukuba unazo ezi zinto zilandelayo:

- Uqeshwe kwaWeir okungenani unyaka ngaphambi kwekaCanzibe, le nyanga kudluliselwa ngayo Imbasa.
- Uqeshwe isigxina okanye ixesha elithile.
- Ukuba Awalelwanga Ukufumana Imbasa YeeShares ngaphantsi kweShare Reward Plan kunyaka omnye.
- Awukayifumani Imbasa oyabelweyo okanye awukabi nayo Imbasa oyabelweyo ngaphantsi kweShareBuilder Plan.



# IMIBUZO EDLA NGOKUBUZWA ZIIWEIR SHAREBUILDER

## ICANDELO 2: IMIBUZO YABANTU ABANENXAXHEBA NJENGEESHAREBUILDER

### Ndiza kuzifumana nini iishares zam?

Ishedyuli yeembasa zeeWeir ShareBuilder imi ngale ndlela:




Emva nje kokuba wabelwe iishares, uba yiShareholder nomnye wabaphathi kwishishini lethu.

### Kutheni ndifanele ndilinde iminyaka emibini ngaphambi kokuba ndifumane iishares zam?

Oku kwaziwa ngokuba ezi shares 'iba zezakho' ibe yinxalenye yemimiselo nemiqathango yeplani.

### Yintoni ekufuneka ndiyenzile?

Okwangoku, akukho nto ekufuneka uyenzile ukuze ufumane imbasa yeShareBuilder. Ngokuzenzekelayo uza kuyinikwa. Qiniseka ukuba uyayilandela indlela yokurejostarisha ungene kwimiyalelo yokungena kwiEquatePlus xa uyifumana imbasa, ukuze uqhelane nenkqubo ukuze uzokuyibona imbasa yeShareBuilder kwiakhawunti yakho. (Jonga icandelo 4 ukuze ufumane inkcazelo engakumbi).

### Zingaphi iishares endiza kuzifumana?

Wonke umntu osenkampanini ofanelekayo uza kunikwa iishares ezifanayo, kungakhathalisekanga ukubaunayiphi indima.



Imbasa iza kuba yi-£300 okanye ilingane nemali yasekuhlaleni. Elona nani leshares oza kuzifumana lixhomekeke kwixabiso leshare xa kudluliselwa imbasa.

### Ndingayijonga phi imbasa yeShareBuilder yam?

By registering for and logging into the EquatePlus portal you will be able to view your award and manage your vested shares online.

## ICANDELO3: IMIVUZO YOKUBA YISHAREHOLDER

### Zizakuxabisa malini iishares zam?

Iishares ziza kuxabisa i-£300 (okanye zilingane nemali yasekuhlaleni) ngexesha kuza kube kudluliselwa imbasa. Ixabiso leeshares emva koko lixhomekeke ekubeni ixabiso leshare liyimalini na ngelo xesha. Iweir Group PLC ikwiLondon Stock Exchange ibe unokubona ixabiso leeshares zakwaWeir kwiLondonstockexchange.com. Ungalibali ukuba ixabiso leeshares kwistock market lingenyuka okanye lihle, kuxhomekeke ekubeni inkampani iqhuba njani, injani imeko yezoqoqosho nokuba kwenzeka ntoni ehlabathini.

### Ndiza kuzifumana njani iishares zam?

Ukuba uyakufanelekela ukuba yiWeir ShareBuilder, iComputershare, siza kuzigcina iinkcukacha zembasa yakho yeShareBuilder size sikugcinele neeshares zakho. Nawuphi na umntu oqeshiweyo ekufuneka efumene iishares zakhe kwaWeir uza kunikwa iinkcukacha ezipheleleyo ngendlela anokuzifumana nanokuzijonga ngayo iishares zakhe kwiakhawunti ye-EquatePlus kufutshane nexesha lokufumaneka kwembasa yeShareBuilder.



12UBXA D07


# IMIBUZO EDLA NGOKUBUZWA ZIIWEIR SHAREBUILDER

## Ndingazijonga ndizilawule phi iishares zam?

Ukuze uzibone iishares zakho, uza kukwazi ukungena kwiportal ekuthiwa yiEquatePlus. Le portal iphethwe yiComputershare, esebenzisana nathi.

iEquatePlus portal iza kukuvumela ukuba:

- Ujonge imbasa yakho njengeShareBuilder.
- Ujonge kwaye ulawule iishares zakho ezigciniweyo kwi-intanethi.
- Ujonge namanye amaxwebhu anento yokwenza neeshares zakho.




**UMZEKELO KUPHELA**: *Umfanekiso ubonisa umzekelo we-screenshots xa ungene kwiEquatePlus. Qaphela ukuba amaxabiso aqikelelweyo akazofana kuxhomekeke kwixabiso leshare langoku leWeir Group nakwimali oyikhethileyo xa wawuqala ngqa ukungena kwiEquatePlus.*

Ungakwazi ukungena kwiEquatePlus nakwiShareBuilder ngemobile app. Emva nje kokuba uzenzele iakhawunti kwiEquatePlus, ungayidawnlowuda iEquatePlus app 'kuApple Store' okanye 'kuGoogle Play' ungene kwiakhawunti yakho usebenzisa iinkcukacha zakho zokungena.



Xa unemobile app kulula ukujonga iishares nanini na naphi na.

## Yintoni eza kwenzeka ukuba ndinokushiya iWeir?

Ukuba uyayishiya iWeir nangasiphi na isizathu awuzokuyifumana Imbasa Yeshares Zasimahla ezingekadluliselwa kuwe. Ukuba xa uhamba sele uzifumene iishares zakho, ungakhetha ukuzigcina okanye uqhubeke uyishareholder eWeir okanye uzithengise – ukhetho lolwakho ibe akuyomfuneko ukuba lwenziwe xa ushiya iWeir. Usengakwazi ukungena kuEquatePlus kuwww.equateplus.com usebenzisa iUser ID Nephaswedi ukujonga iishares zakho ezigciniweyo uze ungene kusupport kwiComputershare.

Kungakuhle ukuba uqinisekise ukuba iinkcukacha zakho zigcinwe nakwiprofayile yakho kaEquatePlus. Ngaphambi kokuba uhambe kwaWeir ufanele uqinisekise ukuba kwiEquatePlus, i-email adresi yakho ikhethiwe.

## Ngaba ndingazithengisa iishares zam?

Sinethemba lokuba uza kukhetha iishares zakho ziza kuba zezexesha elide kwinkampani yethu, kodwa ukuba zidluliselwe kuwe zezakho, ungakhetha ukuzigcina okanye uzithengise ibe ungakwenza oko ngokungena kwiakhawunti yakho kwiEquatePlus.

Ungajonga ixabiso leshare kuLondonstockexchange.com.

## ICANDELO 4: NDIZIJONGA NJANI IISHARES ZAM?

## NgubaniuComputershare?

IComputershare ineenkonzo ezenzela iinkampani ezininzi ehlabathini ezinjengakwaWeir. Bagcina iinkcukacha zeembasa zeeshares zabantu ababaqeshileyo baze bazigade ibe mqeshwa ngamnye ufumana inxalenye yakhe.

Iinkcukacha ezingakumbi ziyafumaneka kwiwebhsayithi yabo https://www.computershare.com

## Ndingena njani kwiEquBtePlus portal?

Ungena kuComputershare emva koko uza kufumana ii-email ezimbini. Eyokuqala i-email "lyakwamkela" ibe iza kuba neUser ID. Eyesibini iza kuba nephaswedi. Xa uqala ukungena kwiportal uza kucelwa ukuba utshintshe iphaswedi yakho emva koko ugqibezele eminye imibuzo enento yokwenza nokhuseleko. Eminye imibuzo eyongezelelekileyo iza kukunceda wenze iphasiwedi eza kukunceda xa uyilibele.

Ungangena kwiEquatePlus portal ngokungena ku www.equateplus.com usebenzisa ezi.



12UBXA D07

# IMIBUZO EDLA NGOKUBUZWA ZIIWEIR SHAREBUILDER

Ungangena kuEquatePlus naxa sele ungene ku @mail.weir email address. Nceda ucofe kule linki ilandelayo ukuze ungene kwiEquatePlus ungene nje kube kanye.

### Ingaba ikhona imobile app yeEquatePlus?

Ungangena kuEquatePlus nakwiShareBuilder yakho usebenzisa iEquatePlus app. Emva kokuba uyenzile iakhawunti kwiEquatePlus portal, dawunlowuda iapp 'kuApple Store' okanye 'kuGoogle Play' uze ungene kwiakhawunti yakho ngeenkcukacha zakho zokungena kwiEquatePlus.

Xa unemobile app kulula ukujonga iishares nanini na naphi na. Hlala uwazi amaxabiso uze usoloko uzazi neziganeko ezinento yokwenza neeShareBuilder.

### Ndizilibelle iinkcukacha zam zokungena okanye iphaswedi yokungena kwiEquatePlus portal – ngubani endifanele ndiqhagamshelane naye ukuze ndikwazi ukungena?

Nceda uye kuwww.equateplus.com uze ulandele iilinki ezithi 'Forgot User ID' nethi 'Forgot password.'

Nceda uqaphele ukuba iEquatePlus portal iyakukhethisa ulwimi kuquka IsiNgesi, isiJamani, isiSpenish, isiFrentshi, isiTaliyane, isiDatshi, isiPhuthukezi SaseBrazil nesiTshayina Esenziwe Salula.

### Ndiyisebenzisa njani iEquatePlus?

Uncedo nezikhokelo ziyafumaneka kwicandelo elithi "Help" kwiportal xa ungenile.

## ICANDELO 5: UKUHLAWULWA KWERHAFU

### Ndivile ukuba iishares ziba nayo irhafu - itsalwa njani ke irhafu?

Kwamanye amazwe* uWeir unembopheleleko yokutsala irhafu xa iShareBuilder igcinelwe imbasa naxa zidluliselwa kuwe. Ngezo zihlandlo, siza kutsala irhafu efanelekileyo (neyokhuseleko xa kufuneka njalo) ibe ibhatalwa kwixabiso leeshares ezigciniweyo ibe yenziwa xa uza kubhatalwa kwixesha elilandelayo. Iza kuvela njengetsaliweyo kuwe ibe isenokwehla imali oyibhatalwayo kakade ke unexabiso elipheleleyo leeshares ezigciniweyo kwiakhawunti yakho ye-EquatePlus. Siza kuhlawula irhafu kumagunya afanelekileyo.

*Qaphela ukuba kuza kwenzeka into efanayo kubantu abaqeshiweyo abakumazwe amaninzi. Kwamanye amazwe aseleyo, ayitsalwa irhafu okanye ngokwemithetho yelo lizwe kufuneka irhafu ibhatalwe ngumntu oqeshiweyo. Kwiimeko ezinje, yimbopheleleko yakho ukubhatala irhafu (neyokhuseleko xa kuyimfuneko) nto leyo eqinisa ukuba nenxaxheba kwakho njengeShareBuilder.

### Ndiza kuyibhatala njani irhafu kwiishares?

Akunyanzelekanga ubhatale irhafu kwiishares zakho de zikhutshwe.

Nceda uqaphele ukuba, kumazwe amaninzi, imali oyifumene kwaWeir njengeShareBuilder kuza kutsalwa irhafu kuyo enoba uphinde wayifaka kwiComputershare njengeeshares zakwaWeir. Xa kunjalo, yimbopheleleko yakho ukuhlawula irhafu.

Uza kunikwa inkcazelo engakumbi ngokutsalwa kwerhafu ngexesha elifanelekileyo.

Imibuzo edla ngokubuzwa ekolu xwebhu iyinkcazelo nje eluncedo nje kuphela kodwa akunakuthenjelwa kuyo ngokupheleleyo xa kufuneka kwenziwe izigqibo. Ukuze bafumane icebiso elifanelekileyo, abantu abaqeshiweyo bafanele baqhagamshelane nabantu ababacebisa ngerhafu baze babachazele ngemiphumo yokuba nenxaxheba njengeeShareBuilder.

## ICANDELO 6: QHAGAMSHELANA

Ukuba uneminye imibuzo, nceda uye kwiqela elinento yokwenza Neplani Yeeshares ZakwaWeir ku-shareplans@mail.weir

Xa uxwebhu lwemibuzo edla ngokubuzwa ziiWeir ShareBuilders lungahambelani neMithetho Yeplani kuza kulandelwa iMithetho Yeplani.

